QAPHELA!

UBUQHETSEBA OBUCWANGCISIWEYO KUBONELELO-NKXASO LUKARHULUMENTE

Qaphela amagosa akhohlisayo nokutsalwa kwemali ngokungekho mthethweni kwii-akhawunti zezibonelelo-nkxaso karhulumente

THINTELA & XELA UBUQHTSEBA OBUCWANGCISIWEYO BAKWA-SASSA

Qaphela amagosa enkohliso athi ngawakwa-SASSA angakundwendwela endlwini yakho, efowunini okanye akubhalele. Bangakucela ukuba unikezele ngekhadi lakho, okanye bangacela i-PIN khowudi kunye neenkcukacha zakho buqu. Abanye bangakukhohlisa ukuba udinga ukuthabatha i-inshorensi, okanye bathembise ngeepaseli zokutya. Musa ukubavulela. Musa ukubanika naziphi na iinkcukacha zakho. Zizaphuli-mthetho ezo.

Ziipolisi zemigcwabo kunye neeinshorensi kuphela ngababoneleli ngeenkonzo zezimali abagunyazisiweyo abavumelekileyo ukutsala imali kwikhadi lakho, kwaye mayingadluli kwi-10% lesibonelelo-nkxaso sisonke sakho.

i

Amagosa anyanisekileyo akwaSASSA akasayi kuze akundwendwele kwakho azokutshintsha ikhadi lakho okanye akubuze inkcukacha kunye ne-PIN khowudi yakho. Amakhadi anyanisekileyo kaSASSA angakhutshwa kuphela kwii-ofisi zakwa-SASSA.

Musa ukuthemba imiyalelo ekubuza ngeenkcukacha zakho. Musa ukuphendula. Gcina amakhadi akho kwindawo ekhuselekileyo.

Ungenza ntoni ukuba yenzeka kuwe le nto?

Ukuba kukho mntu ongathetha nawe ngolu hlobo lwesicelo, tsalela u-CPS okanye u-SASSA ukuqinisekisa eso sicelo. Ukuba uqaphela ukuba kukho imali etsalwe kwiakhawunti yakho, xela oko kutsalwa kungekho mthethweni ngokukhawuleza, kungadlulanga iintsuku ezingamashumi ama-40% emva kolo tsalo

- *kwi-CPS inombolo yamahala (0800600160),*
- *kwiiOfisi se-SASSA kwingingqi yakho, okanye*
- *kwindawo yentlawulo ye-CPS.*

Ukuba ukutsalwa ngokungekho mthethweni yipolisi yomngcwabo okanye kukuthenga i-airtime, udinga iafidaviti efungelweyo, nengenziwa emapoliseni, oya kuyidlulisela kwi-CPS Call Centre. Ukuba olo bango lifakwe ngaphambi kweentsuku ezingama-40 emva kotsalo lwenzekile, imali etsalwe nge-EFT iya kubuyiselwa kwiakhawunti yakho. Ukuba kuthe kwadlula iintsuku ezingama-40, ingathabatha ixesha elide kwaye ukubuyiselwa loo mali akusayi kuzenzekela.

Awuvumelekanga ukusebenzisa ikhadi lakho njengobambiso okanye unikeze ngekhadi lakho ukuze ufumane imali-mboleko nakowuphi na umntu obolekisa ngemali.

INOMBOLO YAMAHALA YE-CPS 0800600160